

## **A, - Busobengwe!**

Kunyanisiwe ukuba u William Thomson Brownlee (Busobengwe) aka seko ezweni; ubhubhele kwi hospitale yase Tekwini (Durban, Natal), ngomhla wama 27 ku Tshaz'impuzi (27 April), wancwatyelwa e Qonce ngomhla we 5 ku Canzibe (5 May), pakati kwenyambalala yabantu, bamabala ngamabala. Umfundi uyakutanda ukwazi ukuba lomntu ke wayengubanina, eyintonina? Impendulo yam iyakumtabata ituba, kuba ingcambu zalomfo zendele zazika pakati kwetu ma-Xosa. Ngemihla ka Ngqika inkosi yetu, kwa fika umfundisi ekwakutiwa ngu Bhuluneli (Brownlee) eze kushumayela i Lizwi, - yamtabata inkosi yambeka e Gwali, intlanjana emanzi amnandi, apuma kwezo Ntaba ze Gulukuqawo, ingene e Tyume kwesosithili sase Dikeni. Wahhlala apo umfundisi lowo yedwa kwa ngomnyaka we 1815, ekute kupi, ngomnyaka we 1823 kwafika abanye abancedisi abango Revs.J. Ross, m.a., W. Thomson,J. Bennie; aba beza betwele nelitye lokushicilela, baza baqale nokufundisa o "a" besi Xosa; yaba yinqubela pambili enkulu leyo ema-Xoseni, ekwada kwati ngomnyaka we 1845 kwashicilelwa ipepa lendaba ngesi Xosa, elatiywa igama lokuba li "Kwezi." Umfundisi u Brownlee uke waneminyaka etile engu mntu ka Rulumente, ngokwemeko zezinto zeloxesha; kodwa kute ngomnyaka we 1825 wahlutwa apo ngu Rev. Dr.John Philip owaye li Gosa le L.M.S. kweli lizwe; wamhluta wambeka ngoku pantsi kwenkosi yama Ntinde u Jan Tshatshu, e Qonce, kungekabiko IV Bennie nanye indlu yomlungu apo, ise sisinga nezindlwana zama Xosa. Eso sikolo sakwa Brownlee kunye nedolopu leyo yase Qonce zisekwe pezu kwalowo mfundisi ka Ngqika.

U-Rev. J. Brownlee lowo usizalele unyana wake omkulu u Charles Brownlee, - sisihandiba eso esivelele pakati kwetu sona, sasebenza nati kwase buncinaneni. Ese yinkwenkwana wake wemka nabafundisi base Merika abaya kushumayela i Lizwi kwa Zulu, eyitoliki yabo yona, ngemihla yo Dingana. Ekukuleni u Tshalisi lowo usebenzisene no Mhlekazi u Sandile, kwizinto ngezinto, nenzima ngenzima. Igama lokuba "Napakade" walifumana ngo Nongqause (1857) xa waye jikeleza inkundla ngenkundla zama Xosa, epika uvuko lwenkomo nabantu esiti "Napakade! Akuko nkomo nabantu bayakuvuka!" Lendoda yaba nemisebenzi emikulu pakati kwetu, kwezentlalo nezombuso, nakweze Lizwi njengonyana womfundisi. Wade wamisa nomzi e Gqolonci pakati kwetu, sasebenza ngemvisiswano naye. Ngelinye ixesha wamiselwa zi Ruluneli ukuba abe yinkosi kwa Rarabe, apate isizwe kunye no Sutu, unina ka Sandile.

U Busobengwe lo ke uzalwa yilo ndedebe, ute yena kwasebuncinaneni wawuqala umsebenzi ezi ofisini kwela Pesheya kwe Nciba, waba yimantyi kwizithili ngezithili, ilizwe lise rabaxa ngezomini, lifuna umteto, noswazi, nompu. Ude wayakuba yi Mantyi eyo Ngamileyo e Mtata, emva kwama nye ama Xos'amhlope into zika Stanford, u Ndabeni no Gwadiso. Aba bafo bonke babesazi kakuhle isi Xosa ukusiteta, bezidla ngayo lonto; bewafundile namasiko nezitete zesi Xosa, bazimantyi ezitandekayo kuti, kuba beziwuqonda umsebenzi wazo.

Njengomzukulwana womfundisi u Busobengwe, uvene kakulu nezikolo nabafundisi (missions and missionaries) wazihambela, waquba kunye nabo. Nanamhlanje ebhubha nje bekuseko emapepeni indawo apo ebhale ngenchwaba lika Rev. J.M. Auld. Umzi wakowabo wakwa Bhuluneli ubenga zange awulibale; bekusiti kwakuti xingi into malunga nempato yedolopu kuwo abe seleko eze kulamla; ube kwanjalo nakwimisebenzi eyenziwa ngabantsundu yokulwa amagwangqa ngokomteto, abe seloko ecebisa encedisa; nakweliduli le Tayitile besikunye naye engafihlekile. Ngomnyaka we 1925, oko i Prince of Wales ibikweli lizwe, imantyi zase Transkei zamlibala u Chief Ngomhlaba ukumvelisa ukuba aziwe, azuze imfanelo zake njenge nkosi enkulu. U Busobengwe wenza ukuba u Mhlekezazi lowo aye e De Aar apo wazifumana kona zonke imfanelo kwa nentonga eyayinikwa yi Prince kwezinye inkosi. Esisenzo sasindisa ingxwabangxwaba eninzi yenteto nokunyolana.

U Busobengwe ubenomzi omhle omkulu kunene e Gcuwa (Butterworth) apo tina ma Rarabe nama Gcaleka, tina ma Mpondo nama Mpondomise, tina ma Baca nama Xesibe, kwakunye naba Tembu, besikululekile ukuya ngapandle kwexhala lokuba siya kumzi womlungu; yaye ikwa njengaye inkosikazi yake, ingum-Xosakazi. Izimvo zetu besiya sizipalaze singashiyeleli, akuzange kubeko wenzakalayo yilonto; besiyе sibuyе situtuzelekile.

Umfo lo ubekwa ngumbhali we ncwadana, ebhala nase mapepeni endaba, etanda ukubalisa ngamaroti atile antsundu awaye anceda umbuso kwingxingwa ezitile, ezama ukuba abonwe ancedwe, okanye kuncedwe incedama zawo, - njengoko wenjenjalo no Nopakade uyise, ukuze o Mabandla no Makiwane, no Sejoseng bazuze imihlaba e Tsitsa ngomsebenzi noncedo lwabo embusweni. Igama lake eliti, "Busobengwe lingamotusa ongamaziyo, acinge ukuba liteta ubujorha; kanti hayi; kodwa yindoda ebisakuti mhla isezintongeni ibuti ja ubuso butsho bube bobengwe kanye! Umfo ubemfuzile uyise ngokukalipa. I Transkeian Territories eziya (izi zithili ezima 27) wenze lukulu ukuzigabula, nokuzizolisa ukuze zibe lolutyebelekende zilulo ngoku. Ngomhla womncwabo e Qonce indoda entsundu eyayiteta encwabeni ngobugora bake yati, -

Ubesit'akwalatiswa

Inyambalala yomkhosi,  
Ixob'igqibelele,  
Angavumi kuyibona;  
At'ubon'imicikwane.  
At'akuv'izitonga zemipu,  
Ati ngati ligubu.  
At'akuraxwa yiruluwa,  
Ati kunuk'ubuqolo;  
At'akusetyezelwa zimbumbulu,  
Kwindlebe zombini;  
Zakuti mpi-na-mpi - nampi - nampi,  
Ati, Nantso k'eyona ngoma  
Yokuvunywa ngamadoda!

Ute ke ngoku akupumla emsebenzini ka Rulumente wazicishela ukuba abe yitoliki yokutolikela tina ingqondo zika Rulumente, aze atolikele u Rulumente izimvo zetu bantsundu. Ushiya umhlokazi nonyana abahle kunene, abeza kakuhle emkondweni wake. Siyazi ukuba akakafi, kokukona aza kusebenza ngamandla, awupumeze umsebenzi wake pakati kwetu; ngoko ke tina asilili, siyavuya ngokuya kwake emandleni kwabo base Nyangweni, - Siti:

Hamba Busobengwe!  
Mdak' omnyama wakwa Rarabe;  
Nkos' enkulu yomzi ka Palo;  
Epatelw'emini pantsi kwelanga,  
Ngo Sir Harry nezidwangube;  
Way' epakati no Sutu.

Tshotsh' ubuye kwelakwa Zulu,

Kuba nabo bano Somtsewu:

Bano Kolenzo kanjalo.

Tshotsh' ugoduk' uze kwaTshatshu,

Kwa Tshatshu ke kukwa Ngqika,

Kwa Ngqika ke kukwa Rarabe;

Kulap' umsebenzi wak' ukona;

Umsebenzi wamanyang' akowenu,

O Sandile no Napakade.

Ungasilibali mfo ka Napakade, -

Xa sewuse nyangwaneni, -

Sewuhleli nama Nyang' akowetu!

Ncincilili!!!